1. NGUBANI ONOKWENZA IBANGO?

- Nabani na ngaphandle kwabaqondisi-mthetho njengeenkampani, ookopolotyeni okanye imibutho.
- Umntu ongaphantsi kweminyaka engama-21 kufuneka ancediswe ngumzali okanye lowo ungumgcini wakhe ngokusemthethweni.

2. IBANGO LINGENZIWA KUBANI?

- Ngaphandle koRhulumente, lingenziwa kuye nabani na, kuquka iinkampani, ookopolotyeni, oomasipala okanye ezinye izinto ezikhoyo kuloo ngingqi yenkundla yolawulo lwezobulungisa.

3. YIMALINI ENOKUBANGWA?

- Imali exabiso layo lingadluliyo kwi-R7000.
- Ukuba ibango lakho lixabisa ngaphezulu kwe-R7000, ungafaka ibango lemali engaphantsi ukuze ityala lakho liphicothwe kwiNkundla yamaBango amaNcinane.



4. UMZEKELO WEENDIDI ZAMATYALA ANOKUDLULISELWA KWIINKUNDLA ZAMABANGO AMANCINANE.

- Lintshukumo yokubuyiswa kweemali ebezibolekiwe.
- Lintshukumo zokuhanjiswa kwezinto ezinokuhanjiswa okanye ezingakuhanjiswa nezixabisa ngaphantsi kwe-R7000.
- Lintshukumo ezijoliswe kulowo uhleli kwindawo ekummandla weNkundla yamatyala, kuxhomekeka ekubeni ixabiso lelo lungelo lokuhlala alidluli kwi-R7000.
- Lintshukumo ezivela kumaxwebhu emali yokuhlawula amatyala, o.k.u. ukuvuma ityala okanye imvumelwano yokubambisa apho ixabiso lingadluliyo kwi-R7000.
- Lintshukumo ezivela kwiSivumelwano seTyala apho ixabiso lingadluliyo kwi-R7000.

5. YIYIPHI IMIBA EKHUTSHELWA NGAPHANDLE YINKUNDLA YOLAWULO LWEZOBULUNGISA?

- Amabango angaphezulu kwe-R7000 ngexabiso.
- Amabango ajoliswe kuRhulumente.
- Amabango asekelezwe ekunikweni okanye ukudluliselwa kwamalungelo.
- Amabango omonakalo ngokubhekiselele ekwenyeliseni, ukutshutshiswa ngokungafanelekanga, ukubanjwa ngokungafanelekanga, ukuvalelwa entolongweni ngokungafanelekanga, ukuhendwa nokophulwa kwesithembiso somtshato.
- Amabango okuchitha umtshato.
- Amabango aphathelene nokuba sesikweni komyolelo.
- Amabango aphathelene nobume bomntu ngokwasengqondweni.
- Amabango apho kufunwa umsebenzi othile kungekho ntlawulo iyenye yomonakalo, ngaphandle kwemeko yebango apho ibango elo lokunikezela nge-akhawunti okanye ukudlulisela into enokuhanjiswa okanye engenakuhanjiswa engadluliyo kwi-R7000 ngokwexabiso.

6. INGABA UNYANZELEKILE UKUBA UDLILISELE ITYALA LAKHO KWINKUNDLA YAMATYALA AMANCINANE?

- Hayi, ungakhetha ukuba ufuna ukulisa kwiNkundla yamatyala amancinane okanye kuyo nayiphi na enye inkundla esebenzayo.

7. UKUMELWA NGOKOMTHETHO

- Ukumelwa ligqwetha enkundleni akuvumelekanga. Kodwa, unakho ukufumana iingcebiso zegqwetha phambi kokuya enkundleni ngeendleko zakho.
- Abancedisi basemthethweni noomabhalane beNkundla yamaTyala amaNcinane baya kukunceda ngaphandle kwentlawulo.

8. ULWIMI

- Naluphi na kwiilwimi ezisemthethweni zeloMzantsi Afrika lungasetyenziswa enkundleni yamatyala.
- Amalungiselelo etoliki mawenziwe kunye nonobhala wenkundla kwangaphambili, ukuba ubungqina kufuneka bunikezwe kulwimi omnye wababandakanyekayo angalwazi ngokwaneleyo.

9. UKWENZA IBANGO

9.1 Amanqanaba aphambi kokwenza ibango

- Qhagamshelana nalowo uphikisana kunye naye (umntu omthabathela amanyathelo omthetho) ngqo, ngefowuni okanye umbhalele, umcele ukuba anqine ibango lakho.
- Ukuba lowo uphikisana kunye naye akalingqini ibango lakho, mthumele isinyanzeliso esicacisa iinkcukacha ezisekelezwe kuzo ibango kunye nexabiso olifunayo. Mnike iintsulu ezili-14 ukusuka kumhla wokubhalwa kwencwadi ukuba ahlawule ityala elo.
- Yise incwadi leyo ngesandla okanye ngerejista kulowo uphikisana kunye naye.
- Emva kokuba iintsuku ezili-14 ziphelile, kufuneka uye ngokwakho kunobhala wenkundla yamatyala uphethe ubungqina bokuba isinyanzeliso esibhaliweyo sinikeziwe kummangalelwa.

9.2 Omawukuphathe xa usiya kunobhala wenkundla yamatyala

- Ubungqina bokuba isinyanzeliso esibhaliweyo sinikezekelwe, obufana nephepha laseposini.
- Naliphi na ixwebhu okanye obunye ubungqina elisekelezwe okanye elibhekiselele kubo ibango lakho.
- Amagama apheleleyo okanye idilesi (idilesi yasekhaya neyasemsebenzini, ukuba ikhona) kwakunye neenombolo zomnxeba zalowo uphikisana kunye naye.

9.3 Yintoni imisebenzi kanobhala wenkundla yamatyala?

- Unobhala wenkundla yamatyala kunye nomncedisi wezomthetho baza kuvavanya amaxwebhu wakho baze bakuncedise ukubhala umyalelo wenkundla.
- Unobhala wenkundla yamatyala uza kukwazisa ngomhla nexesha lokumanyelwa kwetyala elo.
- Unobhala wenkundla yamatyala uza kukhupha umyalelo aze akunike wona.

9.4 Wenza ntoni ngomyalelo wenkundla?

- Ungawunikezela umyalelo wenkundla kulowo uphikisana kunye naye ngokwakho. (Zama ukufumana ubungqina bokwamkelwa kwawo)

OKANYE

- Ungawudlulisela umyalelo wenkundla, kunye nomrhumo womgwebi wesithili, kumgwebi lowo wesithili ahlala kuso lowo uphikisana kunye naye.

9.5 Wakugqiba uthini?

- Apho umgwebi wesithili athe wavuma ukwenza lo msebenzi, kufuneka ufumane, phambi komhla wokumanyelwa kwetyala, iikopi zobungqina bokuba uvumile ukwenza oko.
- Gcina isivumelwano, ixwebhu okanye ubungqina elisekelezwe kubo ibango lakho sisesandleni.

- Yazisa amangqina wakho malunga nomhla kunye nexesha ekuza kumanyelwa ngalo ityala, uze wenze amalungiselelo okuba babe khona enkundleni ngomhla nexesha elibekiweyo.

10. YINTONI ONOKUYENZA UKUBA UMMANGALELWA USIZA LISEKISILE ISIMANGALI SAKHO?

- Nika unobhala wenkundla irisiti.
- Chazela unobhala wenkundla ngokukhawuleza ukuba ummangalelwaizalisekile isimangali sakho kwaye awu sakuqhuba netyala.
- Emva kokuphela kweentsuku eziyi-14 engekaphenduli umman galelwa, cha- waizalisekile.

11. YINTONI ONOKUYENZA NGOMHLA WOKUMANYELWA KWETYALA?

- Kufuneka ubekho enkundleni.
- Qiniseka unawo amaxwebhu aneenkcukacha ekubhek ekiselelwe kuso isimangalo.
- Qiniseka akho onke amangqina akho.
- Qiniseka unabo ubungqina obuchazayo iisamani zathuny elwa kummangalelwa.

12. UKUMANYELWA KWETYALA

- Imigaqo yasenkundleni ilula kakhulu.
- Akho gqwetha okanye gqwetha lejaji liyakukumela.
- Umlawuli wenkundla uzakukuyalela uchaze isimangalo sakho.
- Beka amanqaku avakalayo.
- Phendula imibuzo yomlawuli wenkundla kwaye unike ubungqina.
- Wena nommangalelwa aniyikuvunyelwa nibuzane imibuzo.
- Ngumlawulinkundla oyakukuvumela ubuze ummangalelwa.
- Emva kokuba umlawuli-nkundla eniphulaphule nommangalelwa kwakunye namangqina akhoyo, inkundla iyakuwisa isigwebo.(Umlawulinkundla usenako noku kuchazela ngesigwebo senkundla ngembhalelwano ngelinye ithuba.)

13. ISIBHENO NESIGXEKO-NCOMO

- Akho sibheno sinokufakwa kwisigwebo esiwiswe yinkundla.
- Inkqubo yasenkundleni iyakuthi isiwe kwiNkundla ePhaka-mileyo ukuze igxekwe-inconywe ngezizathu ezintathu:
  - ukungabikho kolawulo lwezobulungisa; uthatho-cala, ulunya okanye ukunokaliswa kwezinto ngumlawulinkundla,
  - ukuhamba kakubi kwenkqubo zenkundla.

14. AMANYATHELO ALANDELA ISIGWEBO

Kwiimeko apho isigwebo siwela wena

- Isigwebo senkundla asiphindwa, ngaphandle kokuba sikho isizathu sogxeko-ncomo.
- Zama ukuhlawula zonke iindleko zenkundla. Indleko oyakuthi ungene kuzo zezo zommangalelwa ngethuba ebesebenzisana neSherrif.
- Thobela isigqibo senkundla.

Kwiimeko apho isigwebo siwela kummangalelwa

- Ummangalelwa kwakufuneka akuhlawule ngeendleko on gene kuzo, ukuba unayo imali. Mnike irisiti ngokukhawuleza.
- Apho ummangalelwa angakwaziyo ukuhlawula iindleko zesigwebo, inkundla iyakuphanda ngemeko yakhe yezemali nokuba uyakukwazi na ukusihlawula isigwebo neendleko kwaye ibone uhlobo amakahlawule ngayo.

Ukuba akakwazi ukuhlawula iindleko zesigwebo okanye umyalelo wenkundla.

- Ukuba ummangalelwa akakwazi kuhlawula indleko zesigwebo okanye imiyalelo yenkundla yamatyala amancinci kwaye ufuna isigwebo senziwe, lo mcimbi usiwa kwinkundla kamantyi, njengoko oko kuchazwe kwiMithetho yeNkundla kaMantyi ka 1944 (Act 32 of 1944). Kubalulekile ufumane uncedo lwezomthetho ngalenkqubo.

15. OKUBALULEKILEYO

- Eli phetshana likuchazela ngamanyathelo abalulekileyo athi athatyathwe xa kufakwa ityala kwinkundla yamatyala amancinci.
- Ukuba ufuna uncedo ngalomba, idilesi neenombholo zomnxeba zikanobhala wenkundla yamatyala amancinci ungaqhagamshelana ne-ofisi kamantyi ekufutshane nawe.

INKUNDLA

Yamatyala Amancinci

Faka elakho ityala!

Issued by Public Education and Communication,
Department of Justice and Constitutional Development.
Private Bag X81, Pretoria, 0001

the doj & cd
Department:
Justice and Constitutional Development
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA